Isifundo 13

**Septemba 19–25*

Inyathelo Lokholo

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Phil. 2:5–11; Mat. 4:18–20; IZenzo 9:3–6, 10–20; Yohane 21:15–19; 1 Yohane 3:16–18.

Indima Yenkumbulo:
"Yibani nale ngcinga kuni, wayenayo kuye uKristu Yesu: yena wathi, esebumeni bukaThixo, akathi ukulingana kwakhe oku noThixo kulixhoba; usuke wazihluba, wathabatha ubume bomkhonzi, enziwe wafana nabantu" (Filipu 2:5–7).

Ukushiya ubuqaqawuli basezulwini, ukunqulwa ziingelosi, nolwalamano lukaYise, yayingumbingelelo ongacingekiyo. Kunjalo, uYesu weza kulo mhlaba wembulaleko nokufa ukuze atyhile isimilo sothando lukaYise, nokuzuza kwakhona uthando lohlanga loluntu, nokuhlangula lonke uluntu. "Alisayi kuze liqondwe ixabiso lokuhlangulwa kwethu bade abahlangulweyo beme noMhlanguli phambi kwetrone kaThixo. Ngelo xesha, buya kuthi xa ubuqaqawuli bekhaya elingunaphakade buvuleka phezu kwezivo zethu ezenziwe zabantsha, sikhumbule ukuba uYesu washiya konke oku ngenxa yethu, nokuba, akazange anele nje ukuba ngogxothiweyo kwiinkundla zasezulwini, kodwa ngenxa yethu wazifaka engozini yokungaphumeleli nokulahleka ngonaphakade. Ngelo xesha, siya kuziphosa izithsaba zethu ezinyaweni zaKhe, sitsho ngengoma, "Kuyifanele imvana eyaxhelwayo ukwamkela amandla, nobutyebi, nobulumko, nokomelela, nembeko, nozuko, nokubongwa." IsiTy. 5:12."—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, p. 131. Umbingelelo owenziwa nguYesu ngenxa yokusindiswa kwethu wawungenako ukubalwa. Xa sisabela kwinkokelo yaKhe, sisamkela umyalelo waKhe, size sizimanye naYe ekufikeleleni kubantu abalahlekileyo ngenxa yobukumkani baKhe, oko kufuna umbingelelo [ukuzincama]. Nangona imibingelelo yethu ingenako ukulingana nowaKhe nangayiphi indlela, ulungiselelo lokuzuza imiphefumlo nakuthi kukwenza ngokholo. Lusikhokela ukuba siphume kwiindawo esifukame kamandi kuzo singene kumanzi angenaso isalatha-ndlela. Maxa wambi, iNkosi yethu isibiza ukuba sizincame, kodwa uvuyo esinika lona lukhulu ukudlula konke.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaSeptemba 26.*

Uthando lukaYesu Oluzincamayo

Umpostile uPawulos usikhuthaza ukuba “siyeke” okanye “sivume” okanye “sivumele” ingqondo kaKristu ihlale ngaphakathi kwethu. Oku kusikhokelela kwimibuzo ethathekisayo. Yayinjani ingqondo kaKristu? Yintoni eyayilawula iindlela acinga ngazo? Yintoni eyayingumongo ekucingeni kwaKhe?

Funda: Filipu 2:5–11. Ezi ndima ziwutyhila njani umongo wokucinga kukaYesu nomfanekiso olawula ubomi baKhe bubonke?

Kususela kuye wonke unaphakade, uYesu wayelingana noThixo. UPawulos uyivakalise le nyaniso ingunaphakade ngala mazwi, “yena wathi, esebumeni [kwimo] bukaThixo, akathi ukulingana kwakhe oku noThixo kulixhoba” (Filipu 2:6). Igama eliguqulwe “imo” ligama lesiGrike umorphē. Lithetha ngowona mongo wento. Lihlanganisa izinto ezimbini ezinexabiso elilinganayo. ISDA Bible Commentary iyibeka ngolu hlobo: “Oku kumbeka uKristu ekulinganeni noYise, kukwambeka ngaphezulu lee kwamanye amagunya. UPawulos ucinezela oku ukuze azobe ngokucace ngakumbi ubunzulu bokuthotyelwa phantsi kukaKristu ngokuzikhethela ngokwaKhe.”—Volume 7, p. 154. Ethetha ngendalo yakhe yaphakade, uEllen G. White wongeza athi, “KuKristu kukho ubomi, obemvelo, obungabolekwanga, obungenziwanga.” —*Ulangazelelo Lwamaphakade,* iph. 530.

UYesu, owayelingana noThixo kususela kuye wonke unaphakade, “akazange aziphakamise.” Esi naso sisaci sesiGrike esinika umdla. Ukuguqulwa kwaso okuphandle kuthi “wabhokoxa [waqongqotha].” UYesu wathanda ngokwaKhe “ukuziqongqotha” amalungelo waKhe, namalungelo okulingana noThixo ukuze athabathe imo yomntu abe ngumkhonzi othobekileyo woluntu. Njengomkhonzi, watyhila umthetho wezulu wothando kuyo yonke iyunivesi, wathi, ekugqibeleni, wenza esokugqibela isenzo sothando emnqamlezweni. Wanikela ubomi baKhe ukusindisa obethu, ngonaphakade. Umongo wokucinga kukaYesu yayiluthando lokuzincama. Ukulandela uYesu kuthetha ukuba sithanda njengoko wathandayo, sikhonze njengoko wakhonzayo, silungiselele njengoko walungiselelayo. Ukuvumela uYesu ngoMoya Oyingcwele ukuba akhuphe kuthi amabhongo okutsalela kuthi, kuya kusidla intlawulo. Kwamdla uYesu yonke into. Sekunjalo, sithi isiBhalo ngoYesu, “Kungoko athe uThixo wamphakamisa kakhulu, wamnika igama elingaphezu kwawo onke amagama” (Filipu 2:9). Izulu liya kufanela nowuphi umbingelelo esiwenzayo emhlabeni. Kuya kubakho imibingelelo apha endleleni, kodwa uvuyo lokusebenza luya kuyidlula namhlanje, luthi uvuyo lokuphila noKristu kunaphakade wonke lwenze nawuphi umbingelelo esiwenza apha ubonakale ungento.

Kwakunini ukuzigqibela kwakho kufuneka ufile kumna ngenxa kaKristu? Ikuxelela ntoni impendulo yakho kuwe ngehambo yakho yobuKristu?

Ubizo Lokuzinikela

Khawuzibone unguPetros noYohane. Ilanga lisanda kuphuma ngentsasa entle yelaseGalili, ligxotha ingqele yobusuku. Iingcinga zakho zizodwa: ukubambisa iintlanzi, zibe ninzi. Ukuloba kube kulungile kutsha nje, kwaye ukhangele phambili kwenye imini yokuloba okukhulu. Kusuka kuthi ekukhanyeni kwentsasa, nanko kuvela uMntu, uYesu waseNazarete. Ubungazanga ukuba ngemizuzwana embalwa, ubomi bakho bonke buza kuguquka. Akusayi kuze ufane nangaphambili.

Funda: Mateyu 4:18–20. Yintoni eyenza ukuba ucinge ukuthi uPetros noYohane babekonwabele ukuzinikela ngesiquphe ukuba balandele uKristu? Yintoni kule ndima ebonisa ukuba uYesu wayebabizela kwinjongo ephakamileyo kunokuloba iintlanzi?

Kwigospile kaYohane, sifunda ukuba la madoda ayesele enayo into ayaziyo ngoYesu ngaphezu komnye, kanti ayengakhange azinikele ngokupheleleyo kuYe. Kunjalo, kunokuba yayikho imbonakalo yokuziphatha ngobungcwele kuKristu, nento ngembonakalo yaKhe, ngamazwi nezenzo eyayibonisa kwaba balobi baseGalili ukuba wabamemela kubizo lwezulu. Isizathu sokuba bayishiye imikhombe yabo, umsebenzi nendawo ababe kuyo eqhelekileyo bamlandele kungokuba baba noluvo lokubizelwa kwinjongo ephezulu. Aba balobi baqheleke nje, baqonda ukuba babizelwa injongo engaqhelekanga. Kusenokwenzeka ukuba uThixo akakubizi ukuba ushiye umsebenzi owuqeqeshelweyo namhlanje, kodwa ukubizela kwinjongo engaqhelekanga-ukuthi, ekuthetheni ngothando lwaKhe nokungqina ngenyaniso yaKhe ukuze kuzukiswe igama laKhe.

Qaphela ubizo lukaMateyu, umbuthi werhafu, kuMateyu 9:9. Ubona ntoni kule ndawo ebaluleke kakhulu?

Ababuthi berhafu kwilizwe lamaRoma babe nobuqhetseba besebenzisa igunya lokuba besebenza emthethweni ukucinezela abantu nje. Babengabanye babantu abathiyekileyo nabajongelwe phantsi kuye wonke uIsrayeli. Isimemo sikaKristu esathi kuye, "Ndilandele," sinika ingqondo yokuba uMateyu wayevile ngoYesu kwaye entliziyweni yakhe wayenalo ulangazelelo lokumlandela. Xa isimemo sifika wayelungile. Wayemangaliswe kuba uKristu wayeza kumamkela ade ammeme ukuba abe ngomnye wabafundi baKhe. Ngaphakathi kwiinzulu zeentliziyo zethu kukho ulangazelelo lwento engcono ebomini. Nathi, ngokunjalo, sifuna ukuphilela injongo enexabiso, entle, enesidima. Kungoko, uKristu esibiza njengoMateyu, ukuba simlandele.

Cinga ngabantu ekwafuneka bancame ukuze balandele uYesu. Kutheni, ekugqibeleni, kuya kuba bekufanelekile?

UPawulos: Isitya Esinyuliweyo SikaThixo

Ukwamkela kukaPawulos uKristu, ubomi bakhe bonke baguqulwa ngokugqibeleleyo. UKristu wamnika ikamva elitsha ngokupheleleyo. Wamkhokela ukuba aphume kwindawo yakhe yokonwaba aye kumava awayengasokuze awacinge. Ngokukhokelwa nguMoya Oyingcwele, wavakalisa iLizwi likaThixo kumawaka kulo lonke elaseMeditari. Ubungqina bakhe bayiguqula imbali yobuKristu kunye neyehlabathi.

Funda: IZenzo 9:3–6, 10–20. Ezi ndima zikutyhila njani ukuba uYesu wayenenjongo engcwele ngobomi bukaPawulos?

UYesu ukholisa ukunyula abona bantu bangalindelekanga ukuba bathwale ubungqina ngeGama laKhe. Cinga ngamadoda awayeneedemon, intokazi yaseSamariya, ihenyukazi, umbuthi werhafu, abalobi baseGalili, nomtshutshisi wobuKritu owoyikekayo. Bonke aba baguqulwa ngobabalo baza bathunywa benovuyo ezintliziyweni zabo ukuba babalise ibali loko uKristu wakwenzayo ebomini babo. Elowo akazanga wadinwa kukulibalisa ibali. Oko uKristu wabenzela kona kwakumangalisa kangangokuba kwafuneka bakubalise. Babengakwazi ukuthi cwaka.

Thelekisa IZenzo 28:28–31 no-2 Timoti 4:5–8. Zinto zini kwezi ndima esizibonayo ezithi uPawulos akazange wagungqa ekuzinikeleni kwakhe ubomi bakhe bonke kuKristu kulungiselelo lokuzuzwa kwemiphefumlo?

Ekupheleni kobomi bakhe, nangona wayelibanjwa lasendlwini eRoma, uPawulos waqinisekisa ukuba "usindiso lukaThixo luthunyelwe kuzo iintlanga; ziya kuluva zona!" (IZenzo 28:28). Ingxelo ithi wabamkela bonke ababemhambela washumayela iLizwi kubo (IZenzo 28:30, 31). Ekupheleni kobomi bakhe wamkhuthaza uTimoti ukuba awenze umsebenzi womvangeli, wada wathi ngesiqu sakhe uPawulos, "Umzamo omhle ndiwuzamile, ugqatso ndilufezile, ukholo ndilugcinile" (2 Tim. 4:7). Nangona ubizo lwethu lunokungezi ngamandla njengolo lukaPawulos, uThixo ubize umntu ngamnye kuthi ukuba abe nenxaxheba kunye naYe emsebenzini wokuguqula ihlabathi. Kucacile ukuba, nangona kukho ubunzima awajongana nabo yonke iminyaka (bona 2 Kor. 11:25–30), uPawulos wahlala ethembekile kubizo lwakhe yiNkosi. Ibali lendlela lowayekade etshutshisa abalandeli bakaYesu wasuka wangoyena unempembelelo wathi ekugqibeleni wangoyena mvakalisi wenkolo yobuKristu (ngaphandle kukaYesu) lihleli [eli bali] libubungqina obunamandla bento iNkosi enokuyenza ngomntu onikela ubomi bakhe emsebenzini weNkosi.

Yintoni uThixo akubizele ukuba uyenze? Ingaba uyayenza?

Okufunwa Luthando

Uthando lusoloko luzibonakalalisa ngezenzo. Uthando lwethu kuKristu lusiqhuba ukuba sibe nento esiyenzela uluntu olulahlekileyo. UPawulos wayibeka ngokucacileyo le nto xa wathi kwibandla laseKorinte, "Kaloku uthando lukaKrestu lusongamele" (2 Kor. 5:14, IBHAYIBHILE). UbuKristu asikokukhokelisa ukuncama izinto ezimbi ukuze sisindiswe. UYesu akazange "ancame" izinto ezimbi ezulwini ukuze asindiswe. Wancama izinto ezilungileyo ukuze abanye basindiswe. UYesu akasimemi nje ukuba sinikele ixesha lethu, italente, neendyebo emsebenzini waKhe; usimema ukuba sinikele ubomi bethu. Kwintlanganiso yakusasa kunye nabafundi baKhe kunxweme lwaseGalili, uYesu wandlala ngobuchule okufunwa luthando lwezulu.

Funda: Yohane 21:15–19. Uthini umbuzo owabuzwa kathathu nguYesu, yathini impendulo kaPetros? Kwakutheni ukuze uYesu ambuze lo mbuzo mnye uPetros kathathu?

UPetros wayeyikhanyele kathathu iNkosi yakhe, waza uYesu wafuna impendulo yothando iphume kathathu emilebeni kaPetros. Phambi kwabafundi, uYesu wayesakha ukuqiniseka kuPetros kokuba wayexolelwe ngothando olungcwele nokuba uYesu wayesenawo umsebenzi ekufuneka ewenzile emsebenzini waKhe.

Funda: Yohane 21:15–19 kwakhona, ngoku uphawula ngokukodwa impendulo kaYesu ekuqinisekiseni kukaPetros ukumthanda kwakhe uKristu. Yintoni awathi uYesu makayenze ukuphendula kwakhe?

Uthando lwezulu luyasebenza, alulelanga. Uthando lwenene lungaphezulu kokuziva ufudumele, ngaphezulu kwengcamango entle. Lubandakanya ukuzinikela. Lusikhokela ukuba siye kwihlabathi elilahlekileyo labantwana bakaThixo abanentswelo enkulu. Xa uYesu wathi kuPetros, "Dlisa amatakane aM," yayingumyalelo nesiqinisekiso sentuthuzelo. INkosi yayifuna asabele eluthandweni, yaza yamomeleza uPetros kuba yayisenawo umsebenzi wakhe ekufuneka awenze, sesikho sinjalo isenzo esilihlazo ngokwenene sikaPetros xa uYesu wayebanjwa, waza uPetros akanela nje ukukhanyela ukuba uyamazi uYesu kodwa wamkhanyela nangezithuko, kanye njengoko wayemxelele uKristu ukuba uya kwenjenjalo. Ithin' into? Usenokuba uyiphoxe ngendlela emangalisayo iNkosi. Usenokuba uyikhanyele kaninzi ngezenzo zakho. Iindaba ezilungileyo zezokuba ubabalo lusekho, kwaye uThixo akakagqibi ngawe. Isekho indawo yakho emsebenzini waKhe ukuba uyavuma.

Ukuzinikela Kothando

Ekupheleni kwencoko phakathi kukaPetros noYesu, sibona la madoda mabini esiya ngaselwandle. Athi xa amaza elatyuza elunxwemeni, uYesu axelele uPetros ngexabiso lokuba ngumfundi. Ufuna ukuba uPetros azi ngokucacileyo oko aza kujongana nako xa esamkela isimemo sikaYesu esithi "Dlisa izimvu zaM."

Funda: Yohane 21:18, 19. Yintoni uYesu awayixelela uPetros ngexabiso lokuba ngumfundi? Ucinga ukuba kutheni uYesu etyhila into eyothusa kangako kuPetros ngeli xesha ebomini bakhe?

Kula mazwi, uKristu wakuxela kwangaphambili ukufelukholo awayeza kukufumana ngenye imini uPetros. Iingalo zakhe zaziya kolulwa zivuleke. Kwesi sityhilelo, uKristu wayemkhethisa UPetros. Wamnika olona luvuyo lukhulu ebomini: ukubona imiphefumlo izuzelwa ubukumkani bukaThixo. Ngomhla wePentekoste wayeza kubona amawaka esiza kuKristu. Wayeza kwenza imimangaliso egameni likaYesu, aze amzukise phambi kwamanye amawaka amaninzi. Wayeza kuba novuyo olungunaphakade lobudlelane noKristu emsebenzini waKhe. Phofu elo lungelo laliza kuza ngexabiso. Laliza kufuna umbingelelo, umbingelelo wokugqibela. Wacelwa uPetros ukuba azinikele amehlo wakhe evuleke kakhulu. Ngokwangoku, uPetros wayesazi ukuba akukho mbingelelo mkhulu kakhulu ekuzimanyeni noYesu emsebenzini waKhe wokuthunywa ehlabathini.

Funda: 1 Yohane 3:16–18. NgokwakuYohane, yintoni ema endaweni yothando phofu ingumtsalane nje ongento? UYohane uwuchaza njani umbingelelo wokugqibela wothando?

Kunaphakade, akukho nto sakha sayenza eya kubonakala ifana nombingelelo. Ukufana elugcinweni kwethu ixesha nemizamo, ukufaka elugcinweni ubomi bethu, kuya kuba ngathi kunikwe umvuzo omkhulu kakhulu. Uvuyo okungako ukujika uthando lube sisenzo, ukujika iinjongo zibe kukuzinikela. Xa sisabela kuthando lwezulu ngokunikela konke xa sisenza umsebenzi wokungqina kwabanye njengabameli bakaKristu, sizalisekisa injongo yobomi bethu size sixhamle uvuyo lobomi olukhulu kakhulu. Kunjengoko uYesu wakubeka ngokufaneleyo, "Ukuba niyazazi ezi zinto, ninoyolo xa nithi nizenze" (Yohane 13:17). Olona luvuyo lukhulu kakhulu ebomini nolonwabo lwaphakade lubakho xa sithe sazalisekisa intsingiselo yobukho bethu ngokuthi sizukise uThixo ngendlela esiphila ngayo nesithetha ngayo ngothando lwaKhe kunye nehlabathi.

Ingcamango Eyongeziweyo:

"Abo bongamele ubomi basemoyeni bebandla bamele ukuceba iindlela nezixhobo ekunokuthi ngazo kunikwe ithuba kuwo wonke amalungu ebandla ukuba abe nenxaxheba emsebenzini kaThixo. Kumaxesha amaninzi adlulileyo oku bekungenjalo. Amacebo ayengazanga andlalwa kakuhle aze enziwe, ekuthi ngawo iitalente zabantu bonke zibe nokusetyenziswa emsebenzini. Bambalwa abakuqondayo okulahlekileyo ngenxa yoku.

"Iinkokeli emsebenzini kaThixo, ngokweenjengele ezinobulumko, kufuneka zibeke amacebo eentshukumo zokubheka phambili kuhanjwa ngendlela [ngomgca]. Kumacebo azo kufuneka ziwufunde ngendlela ekhetheke ngokukodwa umsebenzi onokwenziwa ngabazalwana abangabashumayeli kubahlobo nabamelwane babo. Umsebenzi kaThixo kulo mhlaba awusokuze ugqitywe ade amadoda nabafazi abangamalungu ebandla bahlangane emsebenzini, bahlanganise imizamo yabo naleyo yabafundisi namagosa ebandla.

"Usindiso lwaboni lufuna umsebenzi onyanisekileyo womntu ngamnye. Kufuneka silithwale silise kubo ilizwi lobomi, singalindeli ukuba baze kuthi. Owu, akwaba bendingathetha amazwi kumadoda nabafazi anokuthi abavusele ekusebenzeni ngenkuthalo! Imizuzu esinikwe yona ngoku imbalwa. Asinalo ixesha lokudlala. Umzuzu ngamnye uxabisekile kwaye unexabiso elikhulu kakhulu ukuba unganikelwa ekwenzeni okufunwa sithi. Ngoobani abaya kumfuna ngenzondelelo uThixo baze bafumane kuYe amandla nobabalo lokuba ngabasebenzi baKhe abathembekileyo entsimini yovangelo?

"Kwibandla ngalinye ikho italente, ethi, ngohloo lomsebenzi olufanelekileyo [olulungileyo] ibe nokuphuhliswa ibe luncedo olukhulu kulo msebenzi. Okudingekayo ngoku ekukhuliseni amabandla ethu ngumsebenzi omhle wabasebenzi abanobulumko bokuyibona nokuyiphuhlisa italente ebandleni—italente enokuthi ifundiselwe ukusetyenziswa yiNkosi."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church,* vol. 9, pp. 116, 117.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ithini ingcamango ekhokelayo kwisicatshulwa sikaEllen G. White esingentla? Inokuba ngegalelo elithini kokwakho ukungqina kunye novangelo lwebandla?

2. Likholisa ukubonakalaliswa njani uthando lwenene? Banjani oonomgogwana bothando olunento encinane yokwenza nothando lwenene?

3. Eklasini, thethani ngemibingelelo abantu abayenzela iNkosi, kuquka ukulahleka kobomi. Yintoni onokuyifunda kula mabali?

4. Cinga ngempendulo yakho embuzweni osesiphelweni sesifundo sangeCawa, obuza ngento ethi yintoni omele ukuyincamela uKristu. Yintoni, phofu, oyibingeleleyo? Wawukwenzela ntoni oko? Kwakufanelekile na? Ungamchazela njani omnye ongenguye umKristu, oko wakwenzayo nesizathu sokuba ukwenze?